

Umhleli oyintloko:
Babalwa Magqwanti

## ABAFUNDI/ ABABHALI NABAFOTI:



Nosiphelo Mbukuqu



Umhleli: Zizi Hlungulu



Bonani Tolatole



Silindokuhle Natala


**Ushicilelo:**

**Mbhashe Local Municipality**


*"ilifa lethu elixabisekileyo liyinkqubela"*

Le ncwadana ijoliswe kuluntu, yenziwe ngumasipala wengingqi yase Mbhashe, licandelo lezonxibelelwano.

Kuyakhuthazwa ukuba nidlulise izimvo neengcebiso zenu kumphathi wezonxibelelwano kamasipala waseMbhashe u B. Magqwanti


Ningaqhakamshelana naye kwezi nkcukacha zilandelayo:
047 489 5857 / 047 489 5858
magqwantib@mbhasemun.gov.za

Malunga nezinye iinkcukacha qhakamshelana noMphathi kaMasipala u-Mnu M. Nako ku- 047 489 5800

Mbhashe Local Municipality
www.mbhashemun.gov.za
info@mbhashemun.gov.za
047 489 5800


# Okuqulathiweyo


3 INTSHAYELELO KASODOLOPHU OLAWULAYO

4 HANDOVER AND OFFICIAL OPENING OF THE REFURBISHED DUTYWA TOWN HALL

6 MAYOR'S CUP 2025 FINAL BRINGS SPORTING GLORY TO WILLOWVALE

8 ABAHLAZIYI BASEMBHASHE BAXHAMLILE NGOKUGCINA UCOCEKO BESILWA UNGCOLISEKO LWEPLASTIKI

9 MBHASHE LOCAL MUNICIPALITY HOLDS DRAFT IDP and BUDGET REPRESENTATIVE FORUM

10 ULUNTU LUTHATHA INXAXHEBA KWISICWANGCISO SOPHUHLISO KUNYE NOHLAHLO LWABIWO-MALI

11 INKQUBO YOKUPHUHLISA AMAFAMA

12 UKUXHOTYISWA KWAMAFAMA NGOKUNXIBELELANA NEENGCAPHEPHE KWEZOSHISHINO

14 UMASIPALA WASEMBHASHE UNIZEKELE NGEZIXHOBO ZORHWEBO KUMASHISHINI ASEKUHLALENI

15 UKUNIKEZELWA KWEZIXHOBO ZOKULOBA KUKOPOLOTYENI WASEQATYWA

16 UNIKEZELO LWEPASELA EMVA KWENTLEKELE

17 UMASIPALA UBEKA PHAMBILI ULWAKHIWO LWESIKHULULO SOVAVANYO SASEDUTYWA KUNYE NOKWAZISWA KONOKONTRAKA WESIGABA SESI-2 SEPROJEKTHI YEZITALATO ZANGAPHAKATHI ZASEDUTYWA

19 UKWAZISWA KUKAKONONTRAKA WOKWAKHA IMIZI NGOKUSESIKWENI

20 UMASIPALA WASEMBHASHE UNIKEZELE NGENDLELA ERIVERVIEW, KWA-WADI 13 – EXHORHA

21 UKWAZISA UNOKHONTRAKHA NGOKUSESIKWENI OZOKWAKHA ISIGABA SOKUQALA SEPROJEKTHI YAKU-GATYANA TAXI RANK

22 IBHODI YOKUCANDWA KWEMIDA KAMASIPALA IBAMBE IISESHONI ZENTATHO-NXAXHEBA ZOLUNTU, IDAKANCA UYILO MALUNGA NOKUMISELWA KWEMIDA LUKAMASIPALA

23 I-MBHASHE FM IFUMANA INXHASO KUMASIPALA

24 UMASIPALA WASEMBHASHE UBAMBE IMIDLALO YEHLABATHI (WORLD PLAY DAY)

26 UTYELELO LOKUXHOBISA NGOLWALUKO

27 INKQUBO YOKUBEKA ILISO KULWALUKO LASEBUSIKA EMBHASHE

28 MBHASHE CONDUCTED OVERSIGHT VISITS VERIFICATION

29 INKQUBO YENGXOXO ZOKHUSELA ABAPHILA NOKHUBAZEKO

31 TAKING CONTROL OF YOUR HEALTH: EMPOWERING COMMUNITIES AGAINST HIV, AIDS, STIS, AND TB

32 UMASIPALA WASEMBHASHE UBEYINXALENYE YE-TRAVEL INDABA YASE-AFRIKA

33 AMAXHOSA KINGDOM LAUNCHES AMBITIOUS

34 HANDOVER OF A CONTRACTOR FOR ACCESS ROAD AND BRIDGE CONSTRUCTION

# INTSHAYELELO KASODOLOPHU OLAWULAYO

Wamkelekile kuhlelo lokugqibela lwencwadana yeendaba ye-Izwi LoMbhashe ka-2024/2025. Oku kuphawula ixesha elibalulekileyo lokucingisisa ngomsebenzi owenziweyo kunye nokujongana nezinto eziphambili kulo nyaka-mali uzayo.

Unyaka uphele ngelishwa njengoko besiphakathi koomasipala abathwaxwa kanobom ziintlekele zakutsha nje. Lo ngumqobo omkhulu njengoko sibone uninzi lweendlela zethu kunye neebhulorho zachaphazeleka kwaye oku kuchaphazela iinzame zethu eziqhubekayo zokuqinisekisa ukuba iziseko zethu zibonelela uluntu ngokufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo.

Ukulandela ubunzima obuninzi umasipala, ebesakwazi ukuhlangabezana nezibophelelo zakhe ekuboneleleni ngeenkonzo ezisemgangathweni nokukhuthaza ukukhula koqoqosho. Sikwazile ukuchitha malunga nezigidi ezi-2 zeerandi ukuxhasa abaqhubi bezokhenketho, amashishini amancinci naphakathi kunye nookopolotyeni.

Njengoko kuchaziwe kwisicwangciso-qhinga soPhuhliso loQoqosho lweNgingqi (LED), sinendima ekufuneka siyidlalile ekwandiseni amandla oqoqosho kumasipala kwakunye nokuphucula ukomelela kohlumo loqoqosho olukhulu ngokwanda kokukhula koqoqosho lwasekhaya, ukudalwa kwengqesho kunye namalinge ophuhliso ngaphakathi, umxholo wophuhliso oluzinzileyo.

Njengenxalenye yeenzame zethu zokuvuselela, ukulondoloza nokubuyisela iindawo zethu zelifa lemveli sivule ngokusesikweni iHolo yeDolophu yaseDutywa ehlaziyiweyo. Izibonelelo ezihlaziyiweyo zikwayimbuyekezo kutyalo-mali njengoko siza kukwazi ukuqokelela ingeniso ngokuqesha iholo kunye nokusetyenziswa kweendawo zokuhlambela zikawonke-wonke.

Inyanga yoLutsha yeSizwe yonyaka wama-2025 yakhunjulwa phantsi komxholo othi: “Izakhono zehlabathi eliguqukayo, ukuxhobisa ulutsha ngokuthatha inxaxheba kwezoqoqosho okunentsingiselo”. Ingqwalasela yethu kule nyanga ibikukukhuthaza izakhono zolutsha kunye nentlalontle yolutsha. Sibambe imidlalo eyahlukeneyo yolutsha kuzo zonke iiyunithi, kwaye oku kwaququnjelwa yitumente yokugqibela kwiziko lethu lezemidlalo elikumgangatho ophezulu eWillowvale.



Executive Mayor Samkelo Janda

Lo msitho ubuxhaswe nguMphathiswa weSebe lezeMidlalo, uLonwabo, ubuGcisa neNkcubeko, oHloniphekileyo uSibulele Ngongo.

Olu hlelo luza ngexesha lonyaka elinzima kakhulu apho sithumela amakhwenkwe ethu kwisikolo sokwaluka, apho aya kwipaseji yobudoda. Sihlala singaguquguquki kumyalezo wethu wokuba bonke abachaphazelekayo kunye namadoda kwiindawo esihlala kuzo kufuneka badlale indima ebalulekileyo ekuqinisekiseni ukhuseleko lwamakhwenkwe. Mabaye Bephila Babuye Bephila.

Incwadana yethu iqulathe ulwazi oluninzi oluluncedo noluyimfuneko kwimiba eyahlukeneyo. Iyafumaneka kuzo zonke iidolophu zaseMbhashe LM nakwiwebhusayithi yethu. Masikhuthaze isizwe esifundayo kuba ulwazi lunamandla.



# HANDOVER AND OFFICIAL OPENING OF THE REFURBISHED DUTYWA TOWN HALL

*By: Silindokuhle Natala*

On 26 June 2025, the Mbhashe Local Municipality Executive Mayor, Cllr Samkelo Janda handed over and officially opened the refurbished Dutywa Town Hall. The objective of the refurbishment was to revitalize the Town Hall, ensuring it meets modern standards while maintaining its cultural and architectural heritage.

The Hall has office space, public ablution facilities, guard house, Jojo tanks and a boardroom among other facilities. As part of job creation efforts, a total of 20 people were employed during the course of the project.

Speaking on behalf of the Ratepayers, Ms Nonceba Klaas said she commends the municipality on the work done and welcomed the project. “The municipality continues to restore the dignity of its citizens through service delivery, we will now be able to host our events and ceremonies”, said Klaas.

Cllr Janda emphasised the importance of preserving and restoring our heritage sites. “We will continue working and ensuring the refurbishing of our heritage sites and community facilities, soon we will be working towards face lifting the Willowvalle Town Hall” said Cllr Janda.
He appealed to senior management to ensure the facilities are maintained and they are beautified.

“Such facilities are also a return on investment as we have to ensure that we collect revenue through hall hiring and the usage of the public ablution facilities”. The Executive Mayor called on the community to ensure they safeguard the municipal facilities against vandalism and theft.

The initial scope of work includes:

- Repairs & Refurbishment of the Town hall – (including stage & lights, upgrading of electrical connection with Eskom)
- Construction of new public ablution facility
- Refurbishment of existing public ablution facility
- Refurbishment of Guard house
- Construction of watch tower
- Construction new paving for drive-away & parking area
- Developing of landscaping
- Installation of New Clear-vu fence
- Construction of pergola structure
- Installation of water tanks
- Repairs and upgrading of plumbing.
- Installation of streetlight within the yard
- Installation of external downlight surrounding the building
- Installation of coin collector machine to public ablution
- Installation of water pumps









# MAYOR'S CUP 2025 FINAL BRINGS SPORTING GLORY TO WILLOWVALE

*By: Zizi Hlungulu*

On 7 June 2025, the much-anticipated Mayor's Cup 2025 Final was held at the vibrant Willowvale Sports Field, drawing large crowds and igniting the spirit of unity, talent, and sportsmanship in the region. The final marked the culmination of weeks of competition from unit games held across Dutywa, Xhora, and Gatyana, with winning teams from various wards coming together to compete.

The presence of sponsors, councillors, and special guests added prestige to the event, underscoring the importance of the tournament in uplifting communities and promoting youth development through sport.

The sport codes that took center stage during the final included ladies' soccer, men's soccer, rugby, volleyball, handball, and netball. The atmosphere was electric as supporters, families, and sport fanatics filled the grounds to cheer on their local heroes, turning the event into a celebration of community pride and athletic excellence.

The Mayor's Cup continues to serve as a critical platform for showcasing emerging talent and strengthening community ties through sport. Today's games reflected the high level of skill and determination among the athletes, with thrilling performances across all sporting codes.

Netball Results:
- 1st Place: Ward 8, Dutywa
- 2nd Place: Ward 23, Willowvale
- 3rd Place: Ward 32, Elliotdale

Volleyball Results:

Females:
- Winner: Ward 16
- Runner-Up: Ward 18

Males:
- Winner: Ward 18
- 2nd Place: Ward 5
- 3rd Place: Ward 16

Men's Soccer:
- 1st Place: Ward 11
- 2nd Place: Ward 26
- 3rd Place: Ward 2

Ladies Soccer:
- 1st Place: Ward 13
- 2nd Place: Ward 7
- 3rd Place: Ward 14

Rugby:
- 1st Place: Ward 2
- 2nd Place: Ward 1
- 3rd Place: Ward 13

Handball – Females:
- Winner: Ward 13
- Runner-Up: Ward 26

Handball – Males:
- Winner: Ward 13
- Runner-Up: Ward 15

In addition to the team competitions, outstanding individual performances were acknowledged in various categories, including:
- Top Goal Scorer
- Best Goalkeeper
- Player of the Tournament
- Best Setter
- Man of the Match

These accolades celebrated the skill and dedication of individual athletes who stood out throughout the tournament. Winners walked away with an impressive array of prizes including team kits, trophies, balls, tablets, cosmetic packs and medals—ensuring that their hard work and commitment did not go unnoticed.

During the ceremony, the Honourable MEC for Sport, Recreation, Arts and Culture, Sibulele Ngongo, delivered her keynote address. She emphasised that the main aim of the Mayor's Cup tournaments across the province is to unearth and nurture young sporting talent while promoting social cohesion, discipline, and a healthy lifestyle among youth. "The Mayor's Cup is not just about winning trophies—it's about building futures, connecting communities, and giving young people a chance to shine both on and off the field," said MEC Ngongo.

She further applauded the dedication of local leaders, coaches, and families who continue to support the development of sport at grassroots level.

The Mayor's Cup 2025 Final was more than just a sporting event—it was a testament to the power of sport in building community, inspiring youth, and nurturing local talent.

Executive Mayor Cllr Samkelo Janda emphasised the importance of fostering unity among residents through shared experiences like sports events. Cllr Janda praised the athletes for their dedication and hard work, noting that their passion not only benefits themselves but also uplifts the entire community.

He highlighted the role of the Mayor's Cup in promoting local talent and providing a platform for youth engagement. Cllr Janda encouraged everyone to support local initiatives, reminding them that teamwork and collaboration are essential for building a stronger, more resilient community.

# ABAHLAZIYI BASEMBHASHE BAXHAMLILE NGOKUGCINA UCOCEKO BESILWA UNGCOLISEKO LWEPLASTIKI

*Ababhali: Bonani Tolatole no-Zizi Hlungulu*

UMasipala waseMbhashe, ngentsebenziswano neSebe loPhuhliso lwezoQoqosho, iMicimbi yokusiNgqongileyo noKhenketho, kutsha nje wenze isikhumbuzo soSuku lweHlabathi lokusiNgqongileyo, umsitho waminyaka le osebenza njengesikhumbuzo sokubaluleka kokukhusela okusingqongileyo. Umxholo walo nyaka othi, "Beating Plastic Pollution," ugxininisa imfuneko engxamisekileyo yokujongana nefuthe elibi longcoliseko lweplastiki kumalwandle ethu, imilambo, amadama kunye nemisinga.

Lo msitho, obubanjelwe kumabala eThala leeNcwadi kuGatyane, ubuzinyaswe nguMphathiswa oHloniphekileyo woPhuhliso lwezoQoqosho, iMicimbi yokusiNgqongileyo, noKhenketho, uNonkqubela Pieters, uSodolophu oLawulayo, uCeba Samkelo Janda, uSomlomo weBhunga, uCeba Babalwa Majavu, amalungu eKomiti kaSodolophu, iinkokheli zemveli, ooceba, amagosa, abahlaziyi, abafundi bezikolo zasekuhlaleni kunye nezinye izidwangube.

Kwintetho yakhe ephambili, u-Mphathiswa uPieters ugxininise ukubaluleka kolu suku, esithi likhwelo lokuba kuthathwe amanyathelo kubo bonke abantu, imibutho, kunye namashishini ukuze basebenzisane ukukhusela okusingqongileyo. Wabalaselisa ulungelelwaniso olucekethekileyo phakathi kokuqhuba inkqubela yezoqoqosho nokulondoloza indalo, nto leyo eyimfuneko ukuze kugcinwe ubomi.

Umceli mngeni obangelwa kungcoliseko lweplastiki uyamangalisa. Nyaka ngamnye, ngaphezu kwezigidi ezisi-8 zeetoni zenkunkuma yeplastiki ingena kumalwandle ethu, isoyikisa ubomi baselwandle, ingcolisa ikhonkco lokutya, ize ingcolise iindawo esihlala kuzo. UMphathiswa ubongoze lonke uluntu ukuba luthathe uxanduva lokunciphisa ukusetyenziswa kweplastiki, ukurisayikilishwa kwakhona, kunye nokukhuthaza utshintsho.

Ukuxhasa le nzame, iSebe eli lixhase ngemali uMasipala waseMbhashe nge -R3,859,000 ukuze kuphunyezwe iprojekthi yokurisayikilisha inkunkuma kunyaka-mali ka-2023/24. Le projekthi idale amathuba omsebenzi kubantu abalikhulu (100), kunye nabasetyhini abangama-63 kunye nolutsha oluyi-46 oluxhamlayo kwinkxaso yengeniso. Umasipala ukwathenge izixhobo kunye nezixhobo zokulawula inkunkuma, eziquka iingxowa zenkunkuma kunye nezixhobo zokuzikhusela (PPE).

Ngesenzo esibalulekileyo, umasipala unikezele ngeetroli kunye nePPE kubahlaziyi beMbhashe, ebonisa ukuzibophelela kwakhe ekuxhaseni abo basebenza kwimida yolawulo lwenkunkuma.

UMphathiswa uPieters uqukumbele ngokugxininisa ukuba urhulumente yedwa akanakusombulula ingxaki yongcoliseko lweplastiki. Ucele lonke uluntu, imibutho, kunye namashishini ukuba lube yinxalenye yesisombululo ngokunciphisa ukusetyenziswa kweplastiki, ukurisayikilisha ngakumbi, kunye nokukhuthaza utshintsho.

UNomfusi Tywenese, ongumcholi wenkunkuma ozinikeleyo kunye nomhlaziyi waseWillowvale, ufumene itroli kunye nePPE ngexesha leMibhiyozo yoSuku lokusiNgqongileyo kwiPhondo, ubulele umasipala ngenkxaso kwaye wabakhuthaza ukuba baqhubeke benceda abo basweleyo.





















# MBHASHE LOCAL MUNICIPALITY HOLDS DRAFT IDP and BUDGET REPRESENTATIVE FORUM

*By: Nosiphelo Mbukuqu*

As part of public participation efforts, Mbhashe Local Municipality held community engagements across all three towns, seeking input on the 2025/26 Draft Integrated Development Plan (IDP) and Budget.

The sessions started on May 6, 2025, at the Dutywa TRC hall, where residents gathered to share their inputs. The dialogue continued May 7, 2025, in Elliotdale, and wrapped up on May 8, 2025, at the Gatyana TRC Hall.

Cllr Nombongo Apleni, the Portfolio Head for Budget and Treasury Office, presented a comprehensive report on the Final Draft 2025/2026 Integrated Development Plan (IDP), Budget, and Tariffs. The report provided a foundation for the discussions that followed, as community members were encouraged to ask questions, raise concerns, and offer suggestions.

One of the key messages that emerged from the sessions was the importance of community participation. Cllr Nolumanyano Ngomthi, the Portfolio Head for Corporate Services, stressed that the municipality's plans and decisions should be shaped by the needs and priorities of the people it serves. By engaging with residents, the municipality aimed to ensure that its strategies are relevant, effective, and responsive to the community's aspirations.

Throughout the three days, residents were invited to participate, share their opinions, and contribute to the IDP, Budget, and Tariffs. The sessions provided a valuable opportunity for community members to make their voices heard, and for the municipality to listen, learn, and adapt its plans accordingly.







# ULUNTU LUTHATHA INXAXHEBA KWISICWANGCISO SOPHUHLISO KUNYE NOHLAHLO LWABIWO-MALI

*Umbhali: Bonani Tolatole*

UMasipala waseMbhashe uqhube iseshoni yeentsuku ezintathu yeSicwangciso soPhuhliso esiDityanisiweyo sokuGqibela sowama-2025/26 (IDP) kunye noHlahlo-lwabiwo-mali kuzo zonke iidolophu eziphantsi kolawulo lwakhe.

Olu thethathethwano lukhokelwe ngobebambele uSodolophu, uCeba Fikiswa Ndawule kunye nesigqeba sika Sodolophu, kunye nooceba. Uthethathethwano lwaqala eDutywa, emva koko lwaya kutsho e-Xhorha, lwaze lwaqukunjelwa kuGatyana.

Injongo yolu thethathethwano yayikukubeka iingxelo kuYilo lokuGqibela lowama-2025/2026 iSicwangciso soPhuhliso esiDityanisiweyo (IDP), uHlahlo-lwabiwo-mali kunye neeRhafu. Oku kwanika abahlali baseMbhashe LM iqonga lokuvakalisa izimvo zabo kunye neenkxalabo zabo ekuthathweni kwezigqibo malunga nokusebenza kakuhle komasipala kunye nonikezelo lweenkonzo.

ISicwangciso soPhuhliso esiHlangeneyo (IDP) sisicwangciso seminyaka emihlanu ekufuneka urhulumente wamakhaya asiqulunqe ukuze amisele iimfuno zophuhliso zikamasipala. Sisicwangciso esibandakanyayo esiqwalasela iimfuno zophuhliso lwemimandla kamasipala.

Ngethuba ethetha kwezi seshoni, ilungu lesigqeba solawulo uCeba Nolumanyano Ngomthi, ugxininise ukubaluleka kokuthatha inxaxheba koluntu kunye nokuzibandakanya ekuqinisekiseni ukuba izicwangciso nezigqibo zikamasipala zibonisa iimfuno nezinto eziphambili kuluntu.

Eli qonga libandakanya ooceba, abameli bamaqela achaphazelekayo abhalisiweyo, iikomiti zeewadi, abasebenzi bophuhliso loluntu, amasebe ecandelo, icandelo labucala, amaqela awodwa kunye nabameli bemibutho yoluntu.











# INKQUBO YOKUPHUHLISA AMAFAMA

*Umbhali: Nosiphelo Mbukuqu*

Ngomhla we-23 kuCanzibe 2025, umasipala waseMbhashe ebambisene neqonga le-LSM bebebambe inkqubo yokuxhobisa amafama ngolwazi kwiholo laseWeza kuGatyana.

Le ndibano ibiququzelelwa yi-LSM foundation, njengosuku lwesibini lolwazi lonyaka. Injongo yale nkqubo kukuxhobisa, ukukhuthaza amafama, nokunika ulwazi oluquka ukukhulisa imfuyo khona ukuze ivelise inyama elungileyo, ukutyala ukuze kuvele isivuno esihle, amayeza wokwenza imfuyo iphuhle, ukhuselo lwemfuyo kwakunye nokubaluleka kokunombola imfuyo.

Ugqirha Fundisile Bese ophuma kwiCandelo lezoLimo epalamente ukhuthaze uluntu lwaseMbhashe ngelithi iMpuma Koloni liphondo elichume kakhulu kwezokulima ngenxa yeemvula ezixhaphakileyo, njengokuba lingenayo imigodi yokuvelisa igolide nesilivere kufuneka izenzele ngokwayo ngokuthi isebenzise umhlaba. UBese ubongoze onke amafama ukuba aqhubeke ngesivumo esihle, njengokuba iMpuma Koloni iliphondo elineenkomo ezininzi, amazwe ohlukeneyo maweze eMpuma Koloni azokuthenga kuthi kwiphondo lethu.

USodolophu olawulayo, uCeba Samkelo Janda ngethuba esenza intetho yakhe ukhuthaze amafama ngelithi olulwazi balufumana kulenkqubo luzakuvela nangaphambili ukuba kwakhe kwabakhona imini ebumila kunje, kwaye akhonto inoluvimba. “Lento yenzekayo apha namhlanje kukududula uphuhliso, phuhliso olo silukhokheleyo nesiluxhasayo singurhulumente" utshilo uSodolophu. USodolophu woleke ngelixhobisa amafama ukuba enze uphando lwentengiso phambi kokulima khona ukuze xa etyala aphendule kwisidingo semakethi.

OoCeba bendawo, iiNkosi, amafama nabathathi-nxaxheba abohlukeneyo bebeyinxalenye yalenkqubo.
















# UKUXHOTYISWA KWAMAFAMA NGOKUNXIBELELANA NEENGCAPHEPHE KWEZOSHISHINO

*Umbhali: Silindokuhle Natala*

Ngomhla wama-29 kuCanzibe 2025, umasipala waseMbhashe ebeyinxalenye yenkqubo yokufundiswa kwamafama ngezinto ezintsha, ezifana nokunxibelelana neengcaphephe kwezoshishino, nebiququzelelwa nguMbutho weSizwe wamafama emfuyo eMzantsi Afrika i-(NALFA-SA). Lenkqubo ibibanjelwe kwisikolo saseMboya, kwa-Ward 30.

Oku kuza emveni kokuba uMbutho weSizwe wamafama emfuyo eMzantsi Afrika (NALFA-SA) ize nombono wokuncedisa amafama aseMbhashe asakhasayo ngolwazi, ngenjongo yokuba aphuhle khona ukuze afikelele kwinqanaba lokuvelisa imveliso abangakwazi ukuyithengisa, kutsho kuphuhle noqoqosho lwaseMbhashe.

I-NALFA-SA ijongene nokukhula kunye nentatho-nxaxheba yamafama asakhasayo kuzo zonke izigaba, ukusuka kwimveliso yokuqala, urhwebo, kunye nezilarha ezixhelayo khona ukuze zibe negalelo kwiinjongo zoshishino lwenyama ebomvu ezichazwe kwisiCwangciso esiPhambili sezoLimo eMzantsi Afrika.

USodolophu waseMbhashe uCeba Samkelo Janda ngethuba esenza amazwi wakhe wokwamkela, uphefumle wathi “Silapha singuMasipala waseMbhashe kuba amafama athi anombono kulento yokufuya, ke ngoko sifuna basebenzise lemfuyo njengesixhobo sokuba bazihlangule kwindlala” utshilo uSodolophu.

Umphathiswa we-Zolimo eMpuma Koloni uNonceba Kontsiwe, ngethuba enikeza ngentetha yakhe uthe iyamkhuthaza into yokubona abantu bewusebenzisa umhlaba kwaye befuya nokufuya.

“Ndikhuthaza la mafama athe athatha inxaxheba aphakamileyo, aqinisekisa uzisa uphuhliso ekuhlaleni nokudala izithuba zengqesho ngokusebenzisa umhlaba” utshilo uMphathiswa.

Lo msitho ubuzinyaswe ngumasipala weSithili i-Amathole District Municipality, iSebe Lezolimo, inkampani yakwa BKB, Pannar, Antrovert, kunye no-Umtiza.











# MBHASHE BEACHES

Mbhashe prides itself with ten (10) untapped and pristine beaches, which the tourists can visit for relaxation and enjoyment.

- Kob Inn Beach – Ward 22 Gatyana
- Mpame Beach – Ward 19 Xhora
- Lubanzi Beach – Ward 19 Xhora
- Mbolompo Beach – Ward 19 Xhora
- Bulungula Beach -Ward 19 – Xhora
- Nkanya Beach – Ward 32 Xhora
- Cwebe Beach – Ward 20 Xhora
- Haven Beach – Ward 20 Xhora
- Dwesa Beach – Ward 29 Gatyana
- Tenza Beach – Ward 22 Gatyana

# TOURIST ACTIVITIES IN MBHASHE

There is a myriad of fascinating activities that tourists and excursionists can enjoy when they are visiting the area of Mbhashe. The activities include but not limited to the following:

- Hiking along the Wild Coast
- Adventure Biking
- Horse Riding along the coastal beaches
- Cultural tours
- Guided river tours
- Fishing
- Dolphin and Whale Watching
- Bird Watching

# UMASIPALA WASEMBHASHE UNIZEKELE NGEZIXHOBO ZORHWEBO KUMASHISHINI ASEKUHLALENI

*Umbhali: Silindokuhle Natala*

Kwinyathelo elibalulekileyo lokukhulisa uqoqosho lwasekhaya kunye nokuphucula icandelo lezokhenketho, uSodolophu woMasipala waseMbhashe, uceba Samkelo Janda, kutshanje unikezele ngezixhobo zorhwebo kubaqhubi bezokhenketho, amaShishini amaNcinci, aPhakathi, kunye namaShishini amaNcinci (SMMEs), kunye nookopolotyeni.

Lo msitho, obubanjwe ngomhla wama-24 kweyeSilimela ngowama-2025, ubuzinyaswe nguSomlomo weBhunga, ueba Babalwa Majavu, nabanye ooceba, abathe ngokuzingca banikezela ngezixhobo ebezilindelwe ngabomvu kubaxhamli kwiindawo ngeendawo, eziquka kuGatyana TRC Hall, e-Dutywa kwindawo ekugcinwa kuyo izilwanyana, kunye nakwi lali yaseRhwantsini.

Eli nyathelo lijolise ekuxhobiseni amashishini asekuhlaleni kunye nokukhuthaza ukukhula kwezentlalo noqoqosho kummandla. NgokukaSodolophu, uceba Samkelo Janda, intsebenziswano phakathi korhulumente wasekhaya kunye noluntu ibalulekile ekuphuculeni unikezelo lweenkonzo kunye nokuphucula umgangatho wobomi bubonke kubahlali.

"Siza kuyifeza iminqweno yenu, kodwa urhulumente yedwa akakwazi ukumelana neengxaki ezikhoyo ehlabathini. Ngentsebenziswano phakathi kukarhulumente noluntu, singazinciphisa," utshilo uSodolophu.

Ukwaqaqambise ukubaluleka kokujongana nentswela-ngqesho, intlupheko, nokungalingani, esithi le miba ayiloxanduva lodwa lukarhulumente. "Xa kukho intswela-ngqesho, kukho intlupheko, kwaye ukungalingani ayiloxanduva lukarhulumente kuphela. Kuxhomekeke kwiinzame ezenziwe ngabantu ngorhulumente ngokwakhe ukuxhasa iinzame zabantu, "wongeze watsho.

UCeba Janda uphinde waphawula ukuba amashishini amancinci adlala indima ebalulekileyo ekuchaseni ukuhla kwezoqoqosho kunye nokubamba imeko yezoqoqosho ekuweni. Olu luvo luphinde lwagxininiswa nguSibusiso Danti, oxhamle eCaarnivo yaseVorne, obongoze intsebenziswano ebulela uMasipala waseMbhashe ngeenzame zabo zokuxhasa amashishini asekuhlaleni. "Asinakukhula ngaphandle kwentsebenziswano yabanini bamashishini amancinci," utshilo.

Lo msitho ubuzinyaswe kakuhle ngabahlali, abaphume ngamanani ukuza kungqina inkxaso enikwe ngumasipala. Ukunikezelwa kwezixhobo zorhwebo linyathelo elibalulekileyo lokuxhobisa amashishini asekuhlaleni nokukhuthaza ukukhula koqoqosho kumasipala. Njengoko umasipala eqhubeka nokusebenzela ekudaleni imeko-bume efanelekileyo ukuze amashishini aphumelele, uluntu lunokukhangela phambili kwikamva eliqaqambileyo lezoqoqosho.



# UKUNIKEZELWA KWEZIXHOBO ZOKULOBA KUKOPOLOTYENI WASEQATYWA

*Umbhali: Zizi Hlungulu*

Kwinyathelo elibalulekileyo lokuxhasa abalobi basekuhlaleni kunye nokuqinisa ishishini lokuloba phakathi koluntu, ngomhla we-9 kuCanzibe2025, uSodolophu, uCeba Samkelo Janda unikezele ngokusesikweni izixhobo zokuloba kukopolotyeni kwiHolo yoLuntu yaseQatywa.

Lo msitho uphawula inyathelo elibalulekileyo ekukhuthazeni iindlela zokuloba ezizinzileyo kunye nokuphucula indlela yokuphila yabo babandakanyekayo kwicandelo lokuloba. Ngexesha lomsitho wonikezelo, uCeba Janda ugxininise ukubaluleka kokuxhobisa uluntu lwasekuhlaleni ngokubonelela ngezibonelelo eziyimfuneko. "Namhlanje, sithatha inyathelo lokuqinisekisa ukuba abalobi bethu banezixhobo eziyimfuneko ukuze baphumelele kurhwebo lwabo," utshilo.

Izixhobo ezinikeziweyio ziquka iintonga zokuloba, iingxowa zepvc zabaxozi, izinto zokutsala, iisinkar, iiglavu nezixhobo zokhuseleko, ezibalulekileyo kumalungu walokopolotyeni njengoko esebenzela ukuphucula ukubanjiswa kwawo nokuqinisekisa iindlela ezikhuselekileyo zokuloba.

Lo msitho ubuzinyaswe lilungu lekomiti yolawulo ka Sodolophu, oyiNtloko yeSebe lezoCwangciso loPhuhliso, uCeba Nomvuyiseko Mgedezi, uCeba we-wadi, uCeliwe Genyane, inkosi yasekuhlaleni, uNgubechanti bebehlanganisene ukuza kungqina lo msitho ubalulekileyo. ISikhondweni Fishing Cooperative, emele iinzame ezihlangeneyo zoluntu lwaseQatywa, ivakalise umbulelo ongazenzisiyo ngenkxaso efunyenwe kulo masipala. "Esi sixhobo asizukusinceda kuphela ekulobeni iintlanzi ngempumelelo kodwa siya kuqinisekisa nokuba singakwazi ukubonelela iintsapho zethu kwaye sibe negalelo kuqoqosho lwengingqi," utshilo usihlalo wayo uPatrick Gailer.

UCeba Janda uphinde wakuphinda ukuzibophelela kukamasipala ekukhuthazeni uphuhliso loqoqosho nozinzo eluntwini. Ngeli nyathelo, urhulumente wasekhaya ujolise ekuxhobiseni abo bakwishishini lokuloba, eqinisekisa ukuba banezixhobo ezifunekayo ukuze baphumelele ngelixa ekwakhuthaza iindlela zokuloba ezinoxanduva ukukhusela ubutyebi baselwandle balo mmandla.

Ukunikezelwa kwezixhobo zokuloba bubungqina beenzame zentsebenziswano ezenziwayo ukomeleza intlalontle yoluntu nokuxhasa amashishini asekuhlaleni. Nanjengoko amalungu kakopolotyeni u-Sikhodweni elungiselela ukusebenzisa izixhobo zawo ezitsha, ithemba lelokuba eli nyathelo liza kukhokelela kuzinzo olukhulu lwezoqoqosho kunye nokukhula koluntu kummandla waseQatywa














# UNIKEZELO LWEPASELA EMVA KWENTLEKELE

*Umbhali: Silindokuhle Natala*

Ngomhla we-06 KuCanzibe 2025, umasipala weSithili saseAmathole ebambisene ne-Gift of the Givers Foundation baqhube inkqubo yokunikezela ngeepasela zokutya zoncedo kwiidolophu zalommandla waseMbhashe iDutywa, Gatyana kunye neXhora.

Injongo yolunikezelo kukubonelela nokuncedisa ekunciphiseni ukubandezeleka, ukukhuthaza uzinzo, nokukhuthaza ukomelela xa kukho iintlekele.

Ezipasela zoncedo olungxamisekileyo zinikezelwa kwiintsapho ezikumasipala wengingqi yaseMbhashe ezithe ubomi babo bachaphazeleka sisikhukula sakutsha nje.

UThabisa Gongotha nongomnye wabaxhamli ubulele ngokungazenzisiyo nanjengoko befumene ithuba lokuba baxhamle.

"Ndiyavuya xa silapha sifumana ezipasela, nanjengoko ndingomnye ebehlelwe sisehlo .Ndibulela ngokungazenzisiyo" utshilo uThabisa.

Eli nyathelo lizisa inkxaso esisidingo kunye nethemba kwabo baphulukene namakhaya, iimpahla kunye nezidingo ezisisiseko emva kwentlekele.








# UMASIPALA UBEKA PHAMBILI ULWAKHIWO LWESIKHULULO SOVAVANYO SASEDUTYWA KUNYE NOKWAZISWA KONOKONTRAKA WESIGABA SESI-2 SEPROJEKTHI YEZITALATO ZANGAPHAKATHI ZASEDUTYWA

*Umbhali: Zizi Hlungulu*

Ngomhla we 24 kuTshazimpuzi uMasipala waseMbhashe ubhengeze ukukhethwa kwekontraka ezinikeleyo yeProjekthi yoPhuculo lweZitalato zaNgaphakathi eDutywa ebilindelwe.

Le projekthi ijolise ekuphuculeni iziseko ezingundoqo zoluntu ngokujongana nemeko ekhoyo ngoku yeendlela eziwohlokayo nokuphucula imijelo yamanzi eziphango.

Le projekthi, ixhaswa ngemali yi-Ofisi yeNkulumbuso, iza kugubungela iikhilomitha ezi-2.15 zeendlela, kubandakanywa igrabile kunye nomphezulu wetha.

Unokontraka okhethiweyo uya kwenza le misebenzi ingundoqo ilandelayo:

1. Uphuculo lweNdlela: Ukuphucula imiphezulu yendlela ekhoyo kubalulekile ekuqinisekiseni uhambo olukhuselekileyo kubo bonke abahlali. Unokontraka uya kugxila ekulungiseni nasekuphuculeni imfezeko yeendlela.

2. Uphuculo lokuGutyulwa kwamanzi esitshi: Umba obalulekileyo wale projekthi kukuphucula inkqubo yokuhambisa amanzi ecaleni kwezi ndlela.

Iziseko ezingundoqo zangoku ziya kuphuculwa ukuze kwandiswe umthamo, kube lula ukukhupha amanzi ngendlela eyiyo nokuthintela ukuqokelelana kwamanzi ngamaxesha emvula.

3. Ukufakwa kwee-Ancillaries: Ukukhuthaza ukhuseleko kunye nokufikeleleka, unokontraka uya kuba noxanduva lokufakela iimpawu zendlela, iimpawu zendlela, kunye neendlela zokuhamba zabahambi ngeenyawo.

Ezi zongezelelo aziyi kuphucula kuphela ubuhle bendawo kodwa zikwaqinisekisa ukudlula okukhuselekileyo kwabahambi ngeenyawo nabaqhubi ngokufanayo.

Intsebenziswano nonokontraka ibonakalisa ukuzibophelela kukamasipala kutyalo-mali kwiziseko ezingundoqo zoluntu ezinceda bonke abahlali baseDutywa.

Ubude bexesha leprojekthi buya kuba ziinyanga ezili-14, kwaye bebonke abaxhamli abangama-20 kulindeleke ukuba baqeshwe kule projekthi.

Ngeli xesha, ikontraka eza kwakha isigaba sokuqala seSikhululo soVavanyo lweZithuthi saseDutywa (VTS) nayo yaziswa, apho amalungu oluntu, usomlomo webhunga, ooceba kunye neekontraka babekho.

Ethetha kule seshoni, uSodolophu oLawulayo, uCeba Samkelo Janda, uthe iprojekthi yesitrato yangaphakathi iya kuphucula ukhuseleko kunye nokuhamba komntu wonke, ngelixa i-VTS ilinyathelo elibalulekileyo lokuphucula iinkonzo zasekhaya, ukubonelela ngeenkonzo ezibalulekileyo zovavanyo lwezithuthi eluntwini, ngaloo ndlela kuncitshiswa imigama emide yokuhamba kubahlali.

Wongeze ngelithi ngaphandle kokuphucula ukufikeleleka, le projekthi kulindeleke ukuba ibe negalelo kwiinzame zikamasipala zokuqokelela ingeniso.

Ulwakhiwo lumiselwe ukuba luthathe iinyanga ezilishumi, kunye nethuba elilindelekileyo lengqesho kubantu abangama-28. Le projekthi ibandakanya uluhlu lwemisebenzi ebalulekileyo yokwakha, equka ukusekwa kwesibonelelo seSikhululo soVavanyo lweZithuthi (VTS) kunye nezinye izakhiwo eziphambili, ezifana neofisi kunye nendlu yokulinda.

1. Ezona zinto ziphambili ikhontrakthi eyakuzijonga:
- Iziseko kunye nokugrunjwa
- Imisebenzi yekhonkrithi kunye nezitena
- Ukuplastarisha
- Ufakelo lwesakhiwo sophahla
- Ukuchwela kunye nokudibanisa
- Ukubiyelo lwesakhiwo
- Iindlela zokuhamba zekhonkrithi
- Imisebenzi yoMbane neyoomatshini
- Ubonelelo ngeFenitshala yeOfisi

2. Imisebenzi yangaphandle
- Iindlela, iindawo zomisa iinqwelo mafutha
- Uqhagamshelo logutyulo
- Uqhagamshelo lwamanzi
- IziSeko ezinguNcedo ngoBonelelo lwaManzi

Ngale projekthi, umasipala akajongi nje ekuphuculeni ukusebenza kakuhle kodwa nokukhuthaza ingqesho yasekuhlaleni kunye nokukhula koqoqosho phakathi koluntu. Olunye uhlaziyo luya kubonelelwa njengoko ulwakhiwo luqhubeka.



MBHASHE MUNICIPALITY

ilifa lethu elixabisekileyo liyinkqubela




# UBUSAZI ? NGENKONZO YESIBONELELO SAMAHALA

### Ngubani ofanele ukuxhamla kwesi sibonelelo?

Umfaki-sicelo kufuneka abe ngumhlali osisigxina kuMasipala waseMbhashe, ehlala kwikhaya elinomvuzo lingana okanye ongaphantsi kwesibini somhlala-phantsi

**Qaphela : Abo bafumana umvuzo kwisibonelelo sokukhubazeka kunye nesibonelelo senkxaso somntwana bona ababandakanywa ekuxhamleni**

### Zeziphi iinkonzo ekuxhamlwa kuzo?

Ikhaya lixhamla kwisibonelelo sombane esingamashumi amahlanu (50 k/w) kunye nokulungiselelwa isola.

### Zithini iinkqubo zesicelo ekufuneka zilandelwe xa umntu esenza isicelo

Umenzi-sicelo kufuneka agcwalise iifom zenkxaso yesicelo

### Yintoni elindeleke kumenzi-secelo?

Umntu ofaka isicelo kulindeleke ukuba anikeze ngala maxwebhu alandelayo:

- Ikopi yesazisi (ID) eqinisekisiweyo
- Ingxelo efungelweyo echaza imvelaphi (Proof of residence)
- Ubungqina bengeniso mali (Proof of income)
- Ikopi yesiliphu sombane
- Onke amagama kunye neenombolo zezazisi (ID numbers) zabantu abahlala nomfaki sicelo (abaneminyaka eyi-18 nangaphezulu)
- Ingxelo efungelweyo (Affidavit)

### Isicelo sithatha ixesha elingakanani?

Sakuba samkelwe isicelo, ikhaya lixhamla kwisibonelelo isithuba seminyaka emithathu

**Ngeenkcukacha ezithe vetshe ungaqhakamshelana ne-ofisi ejongene neenkonzo zoluntu kumasipala waseMbhase okanye uqhagamshelane noMququzeleli weeNkonzo eziSiseko zasimahla uMs Booi ku- 047 489 5829/ 060 966 5579**

# UKWAZISWA KUKAKONONTRAKA WOKWAKHA IMIZI NGOKUSESIKWENI

*Umbhali: Silindokuhle Natala*

Umasipala waseMbhashe ebambisene neCandelo loKuhlaliswa koLuntu (Human Settlements) bebebambe intlanganiso yokwazisa ngokusesikweni unokontrakha ozokwakha izindlu zeprojekthi yesigaba sesibini. Le seshoni ibibanjelwe kumagumbi kaMasipala eDutywa, ngomhla we-19 Canzibe 2025.

Injongo yeziprojekthi ijolise ekwakheleni amakhaya wabantu abathi bachatshazelwa yintlekele. Ngamakhaya ali-100 azothi axhamle kwesisigaba sesibini kwezi Wadi zilandelayo, Wadi 30, 29, 24, 22 kunye no21.

Igosa eliphuma kwiCandelo loKuhlaliswa koLuntu (Human Settlements) ligxininise into yokuba umgangatho wokwakhiwa kwezizindlu kunye noyilo kufuneka uhambelane nowekontrakhi yangaphambili khona ukuze abantu bahlale kumakhaya asemgangathweni ahambelana nesicwangciso seziseko zophuhliso.













# UMASIPALA WASEMBHASHE UNIKEZELE NGENDLELA ERIVERVIEW, KWA-WADI 13 – EXHORHA

*Umbhali: Zizi Hlungulu*

Ngomhla we-19 kweyeSilimela ngo-2025, uSodolophu, uceba Samkelo Janda, ekhatshwa yiNtloko yeSebe loHlahlo-lwabiwo-mali kunye ne-Ofisi kaNondyebo, uCllr Nombongo Apleni, uceba wewadi, amagosa kamasipala, kunye nonokontraka, banikezela ngokusesikweni indlela entsha yokungena eRiverview, phantsi kweNcihane West, emi kwiWadi 13 yase-Elliotdale. Le projekthi yeziseko ezingundoqo ebilindelwe ngabomvu iphawula isiganeko esibalulekileyo kwiinzame eziqhubekayo zikamasipala zokuphucula uqhagamshelwano lwasemaphandleni nokufikelela kwiinkonzo ezibalulekileyo.

